1925.
UMTETELI WA BANTU, JOHANNESBURG, 21st MARCH,

# Ngubani Oti Ukuvumisa Akufuneki ?

## Namagqira Etu Ngaba Hedeni?

*Eyokuqala ka Samuel 28 : 8—20.*

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto).

U Saule wabagxota Ezweni bonke ababeneshologu no Siyazi : Weza ke u Yehova wamqumbela kakulu : Wamtumela ngemikosi eyoyikekayo kunene yama Filistiya—awati akuyibona u Saule wangcangcazela, namadolo abetana kukoyika : Wabhayiza u Saule Ezweni efuna o Siyazi abaya waye bagxotile, akuba bazo kuvumisa, bamvusele u Samuel Umnyanya wakubo, utete no Yehova : U Samuel ke waseyefile ngelozesha :—Naku ke ! U Tixo izinto wazidala ngobusesi : Engabuzanga kuti ke akuzenza Kwake :—

Teru Afrika inteto sizimb'o
Mondli ebulawa ngabakowabo
Satshabalalake ngokuswel' igqira
Wanga wonke Umzi sowungamagqwira.

Masiko sangena kumzi wase mzini
Sacesa nenkosi seza emlungwini
Sachita nemfuyo konke kwapelela
Tu—nto isesele sipokopalala.

Sati namagqira angaba hedeni
Sisenza u Tixo ngoko umhedeni
Yena owadala zonke ezizinto
Woyisa no Saule ngoko ngayo lonto.

Semnka nalemfundo sayenza igugu
Semnka nemicepe yotywala bomlungu
Abe yen' umlungu ecase obetu
Pikis' ezondawo ngwevu yakowetu.

Sati namagqira angaba hedeni
Kodwa wonke Umzi usaya eweni
Onke amaxoki asezikolweni
Onke namagqwira asezikolweni.

Sayek' izitembu namhla siyashwesha
Sayeka nemb'ola kodwa siyashusha
Yiyo ke lemfundo siq'ayisa ngayo
Siyemnka nomfula tu—nto kwakuyiyo.

Aze namaqaba abe sagqob'oka
Sisenz' amalunga awa ke evuka
Sakufa sivile tina magqob'oka
Sigqob'ok' emini kuhlwe sizinc'uka.

Abazali betu bona bayintoni
Sabashiya njalo sival' ezindlini
Yiyo ke lemfundo siqayisa ngayo
Kwanalempucuko nisifunze ngayo.

" Masibuye " siyakatywa yimfundo
Isibelekile yaba njengofudo
Onke namasela asezikolweni
Kanene—tina siti siziz' tyudini ?

Iswi lika Tixo lona liyinene
Silipete kodwa ngobumenemene
Asihlali ntweni, akuko nasiko
Ziti Izanuse landan' amasiko.

Siyavuma ! !